



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBER 2017**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P1**

**AMANQAKU:** 70

**IXESHA:** 2 iiyure



\* X H O H L 1 \*

Olu viwo lunamaphepha ali-13.

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B: Isishwankathelo	(10)
ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(30)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Qala iCandelo ngalinye kwiphepha ELITSHA.
4. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.
5. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kweli phepha lemibuzo.
6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye ukuze umsebenzi wakho ungaxinani.
7. Qwalasela ngeliso elibukhali upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
8. Yaba ixesha lakho ngolu hlobo:

ICANDELO A: Imizuzu engama-50	
ICANDELO B: Imizuzu engama-30	
ICANDELO C: Imizuzu engama-40	
9. Bhala nangokucacileyo ngokucocekileyo.

**ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA****UMBUZO 1****ISICATSHULWA A**

Funda esi sicutshulwa singezantsi wandule ukuphendula imibuzo esekwe kuso.

**BAZALI! AMAXESHA NGAMANYE**

1. Namhlanje umzi oNtsundu umi nematha. Woba ngangena kulo mzi ufile abazali benezingqala. Isikhalo sinye sesokuba abantwana beli xesha abeva, banenkani, benza unothonanda. Abazali baxakene nenzala yabo ngenxa yokungavisansi ngezimvo malunga nezinto ngezinto zobu bomi. Abantwana bayazihleka iingcebiso eziphuma ebazialini, kanti nabazali kwelabo icala bazithatha njengobuvuvu izizathu ezibekwa ngabantwana. Abantwana bangoku aboyiki ngokoyikisa; ngamadela-kufa angamatsha-ntliziyo. Abazali bayakhala bathi kwakungenje ngelabo ixesha.
2. Kumaxesha angaphambili kwaXhosa, kusalawula isiko nesithethe, intetho yomzali ibingaphikisa ngumntwana. Umntwana ubeyazi kakuhle indawo yakhe kungenakubakho mpazamo nambidane. Umntu omdala ubenolwazi oludlula olo lomntwana ngento yonke. Le meko ibibangela ukuba umntwana axhomekeke emzalini ngayo yonke into. Inkwenkwe ibisaziwa njengenja, nayo iyamkele loo nto. Nantoni na engatshongo khona ibilindelekile enkwenkweni. Imicimbi edla umzi ibixoxelwa komkhulu ngamadoda ngomhla wembizo, abafazi nabantwana bengangeni ndawo.
3. Loo maxesha akudala adlula kwaye akubonakali ngathi angabe aphinde abuye. Sithi mazilale ngenxeba ezo ngwevu nezo ngwevukazi zasoloko zithetha ngawo xa zibona okanye zisiva amasikizi enzekayo namhlanje. Siphila kumaxesha empucuko ngoku. Impucuko yaseNtshona ingene yade yendela apha kuthi maXhosa. Siphulukana namasiko nezithethe zethu sijongile egameni lenkqubela-phambili. Intlalo kaXhosa yemveli ingxengwe yade yangxengeka. Ifuthe lempucuko lisifuthe elufokothweni siseziimveku. Luzalelwae empucukweni ulutsha Iwangoku, ngako oko alwazi ntlalo yimbi.
4. Yinyaniso engenakuphikisa into yokuba ngumsebenzi womzali ngamnye ukukhulisa umntwana wakhe ngendlela efanelekileyo neyamkelekileyo. Leyo indawo ingqinwa lihlabathi liphela. Yiyo le nto wofika umzali exelela umntwana le nale malunga nendlela yokuziphatha okanye ufile eququzelu embonisa ukwenziwa kwale naleya into kwimisetyenzana yasekhaya. Ngoko ke singatsho bayazama ukuwufeza lo msebenzi wabo ngokunyanisekileyo. Nangona kunjalo, kuya kucaca ngokuphandle ukuba ezi nzame zabazali ziwa phantsi kuba naba abantwana bexakile ngezimilo nobunqenerha. Bamelwa yingqondo xa kulapho ke abazali, zitsho nezimvi ziphale ukuntshula oku.

5. lingcaphephe kwezentlalo yoluntu zibongoza abazali ukuba bangaqalekisi. Zithi kufanele ukuba kube nje kuba kaloku amaxesha ngamanye. Abantwana bangoku bandwebile yaye banolwazi oludlula olomzali ngezinto ezithile. Ulwazi olukhoyo kule mihla luyitsho ingqondo le ixinane ngangobuninzi balo. Luza luvela kwiinkalo ngeenkalo yaye lufika lukwiimo ngeemo. Iincwadi, amaphephandaba, oonomathotholo, oomabona-kude, njalo njalo, zonke ziindlela zokusasaza ulwazi. Uyakwazi ukuthi umntu ekweli azi iinkcukacha ngokuqhubekeyo phesheya kolwandle. Kwangokunjalo kulula ukuqhagamshelana nomntu ophesheya kolwandle ngesikhawu.
6. Kukho imimoya emininzi evuthuzayo phndl' apha etsho kuphakame iiokhwe zamanenekazi, kuphephezele amaqhina abanumzana, kuphaphatheke nezankwane zamaxhego. Iyagqutha le mimoya yenza isizungu. Isenza sisoloko siheli exhaleni kuba isuka ivuthuze ngomsindokazi ingabhungisanga mntu. Uthuli oluthi luvuke apho lumtsho umntu angaboni kakuhle, aqabuke ngeliney ixesha sele eseyela emngxunyeni. Iba yilo migudu ke elinga ukuphuma kuloo mngxuma, athi sel' ephuma suke atyibilike abuyele ezantsi. Uye athi apho aphume khona ngelingeni aphume sel'emgqubagqubane. Kuthiwa maluthini usizana olungumzali xa izinto zimi ngolu hlolo? Ingaba kufuneka umzali esonge izandla, amele kude, abukele okanye ingaba kufuneka naye ethabathe inxaxheba? Ukuba uyakhumbula kakuhle besesitshilo ukuba yimfanelo yomzali ukukhulisa umntwana. Akanakho ke ngoko ukuba angachasela umzali kule meko, endaweni yoko kufuneka aziqhelanise nayo khon'ukuze abe nakho ukunika ingcebiso eyiyo. Banombuzo obatyayo abazali, abasoloko bewubuza othi: umkhulisa njani umntwana 'oselekhlile'? Abantwana bangoku imicimbi edla umzi bayithabathela kubo kuba besithi abazali basenengqondo yobukhoboka.
7. Ukuba siyangqinelana ukuba amaxesha ngamanye kumele ukuba indlela yokukhulisa abantwana yahluke kuleyo yakuqala, yensiwe ihambelane namaxesha esiphila kuwo. Le nto ayithethi ukuba makulahlwe amasiko nezithethe, koko ithi nje makulungiswe iindawa-ndawana ezithile kuzokubakho ukuqondana noxolo. Kufuneka ngoku kuhleliwe phantsi, kuboniswane, kuthetha-thethwane umzali nomntwana. Abazali mababavule abantwana baphalaze izimvo zabo malunga nezinto-yinto zobomi. Akuba eqqibile umntwana ukulubeka uluwo lwakhe, makathathe apho umzali ambonise ngobuchule eyona ndlela acinga ukuba iyiyo ngokwamava akhe.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi 'AMAXESA EMPUCUKO:Sisingise phi na?' ebhalwe ngu M. Yekela, amaphepha 9-11, saze sahlelwa]

- 1.1.1 Yintoni le ikhalisa abazali kubantwana beli xesha? (Kumhlathi 1) (2)
- 1.1.2 Chonga isivakalisi esiphuhlisa ukungavisansi phakathi kwabazali nabantwana babo. (Kumhlathi 1) (1)
- 1.1.3 Sizathu sini ebasingunobangela wokuba umntwana axhomekeke emzalini ngayo yonke into? (Kumhlathi 2) (2)

- 1.1.4 Xela udidi lwesafobe esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo:  
 'Inkwenkwe ibisaziwa njengenja, nayo iyamkele loo nto.' (1)
- 1.1.5 Ingaba uyangqinelana nombhali xa esithi impucuko yaseNtshona ingunobangela wokuphulukana namasiko nezithethe kwethu? (Kumhlathi 3) Zathuza. (2)
- 1.1.6 Uveza yiphi ingcamango umbhali ngesi sivakalisi silandelayo? (Kumhlathi 4)  
 '... kuya kucaca ngokuphandle ukuba ezi nzame zabazali ziwa phantsi kuba naba abantwana bexakile ngezimilo nobunqenerha.' (2)
- 1.1.7 Nika isithethantonye segama '...ukuqhagamshelana...' njengoko lisetyenziswe kwisicatshulwa, wandule ukusisebenzisa kwisivakalisi esipuhhlileyo. (Kumhlathi 5) (2)
- 1.1.8 Khankanya iindlela zokusasaza ulwazi zibe-2 ozaziyo angazichaphazelanga umbhali kumhlathi wesi-5. (2)
- 1.1.9 Sibonakalisa ntoni isimamva **u-kazi** kweli gama likrwelelwe umgca ngaphantsi? (Kumhlathi 6)  
 Khetha impendulo echanekileyo.  
 '... isuke ivuthuze ngomsindokazi ingabhungisanga mntu.'
- A Uzalwano  
 B Isikhomokazi  
 C Isandiso  
 D Isibaxo. (2)
- 1.1.10 Uthetha ukuthini umbhali xa esithi, "Umkhulisa njani umntwana 'oselekhulile'?" ngokwakwisicatshulwa? (Kumhlathi 6) (2)
- 1.1.11 Sibonakalisa ntsingiselo ni isimamva **u-ana** kwisenzi esikrwelelwe umgca ngaphantsi? (Kumhlathi 6)  
 '... kuzokubakho ukuqondana noxolo.' (2)
- 1.1.12 Mfundiso ni edluliswa ngumbhali wesi sicatshulwa? (2)

[22]

## ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

1.2 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.



[Uthatyathwe kwi-intanethi [www.shutterstock.com](http://www.shutterstock.com)]

- 1.2.1 Xela umahluko oqaphelekayo phakathi kwesicatshulwa A nesicatshulwa B. (2)
- 1.2.2 Bavakalelwa njani aba bantu bakumfanekiso A? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.2.3 Xa uqwalasela le mifanekiso ingasentla ungathi ngowuphi ongqinelana nomhlathi woku-1 kwisicatshulwa A? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.2.4 Xa uqwalasela okwenzeka kumfanekiso A nokwenzeka kumfanekiso B ucinga ukuba ngowuphi umfanekiso obonakalisa indlela ephucukileyo yonxibelewano phakathi komzali nomntwana? Cacisa. (2)  
[8]

**AMANQAKU ECANDELO A:** **30**

**ICANDELO B: ISISHWANKATHELO****UMBUZO 2****ISICATSHULWA C**

Funda ngocoselelo esi sicatshulwa singezantsi uze ushwankathelo ngamazwi akho ungacaphuli kwitekisi.

- Impendulo yakho mayingadluli kumagama angama-70.
- Shwankathela **ngokomhlathi kuphela**. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli.
- Lingongoma zakho mazibe-7. (7)
- Akulindelekanga ukuba ubhale isihloko sesishwankathelo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko. (3)

**IMBEKO**

1. Imbeko asiyijo nanto ukuba yigolide kwaXhosa. Yiyo loo nto ongenayo engabalelwabantwini, nqwa nebhuxenge lesilambi. Imbeko le yendele nzulu ebomini besiXhosa, yaye ibutyhutyha bonke ubomi boluntu ukususela ebantwaneni ukuya kutsho ezinkondeni esezitshotshobelela ngasemangcwaben azo. Phofu esona siphelo asibubo ubudala kuba ezi nkonde zisebenzisana nezinyanya. Andithi ilizwi lesinyanya alizanga lawa phantsi kwaXhosa? Ukuba igqirha lithe izinyanya zifuna kwenziwe oku noku, akusoze kungenziwa.
2. Isiseko sembeko sisekhaya. Umzali okwaziyo ukuqequesha umfundisa umntwana wakhe ukuba angathi mama kuye qha, koko nakuwuphi na umfazi osesithubeni sakhe; angathi tata kulowo wakhe qha, koko nakuwuphi na umntu olingana naye. Loo nto ke yadala ukuba nokuba unina okanye uyise akakho waza wabonwa esenza into engatshongo khona ngumntu olingana nomnye wabo, abe neentloni, ayiyeke loo nto.
3. Umzalikazi xa eqequesha umntwana umsukela ukuba athandeke eluntwini. Abanye bade babethelele into yokokuba umntwana wakhe angegqithi emntwini omdala engabulisanga, yaye makangalindeli kubuliswa nguye kuqala.
4. Xa umfazi etshatile okanye endile uyayazi into yokokuba kufuneka abeke uyisezala noninazala, abakhuluwa nabakhuluwakazi kunye nomyeni wakhe. Ukuze ababeke kakuhle mabambeke bamazelelele naye. Uya koyika ke ukubakruna imiphefumlo ngokuthetha kakubi kubo.
5. Nasebantwaneni bodwa imbeko iyafuneka, yaye nalapha isekelezwe ebudaleni. Ukuba kukho iqela lamakhwenkwe namantombazana, amakhwenkwe ajonga enkulwini ibafundise izinto neemfihlelo zobudoda; amantombazana wona ajonga kumafungwashe abafundise umsebenzi nazo zonke izinto neemfihlelo zobuntombazana.

6. Emadodeni ubudala bubalwa ngezilimela. Lowo unezilimela ezingaphezu kwezakho kufuneka umnike imbeko. Yiyo loo nto kuthi kwakufika amakrwala entlanganisweni yabafana okanye entlombeni yamadodana, anikwe umthetho wabafana ukwenzela ukuba angafane enze nje; atyhabatyheke axele umntu lo uhamba emgeleshweni.
7. Iyephi le mbeko sigqiba ukuthetha ngayo apha ngasentla? Yathiwa nywam nywam sisilokazi siph? Ayinzimanga kancinane le mibuzo ibuzwayo, kodwa ke le nto iyindoda akufuneki yoyiswe ingoyiswanga. Ungathi ukhangele ulibone eli rhamncwa latshabalalisa imbeko, iyindlala phakathi koluntu oluNtsundu. Le ndlala yenze abazali baziintsalu, baphangela bonke ngekhaya.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi '*NDITHUNGILE SELANI*' ebhalwe nguD.V. Tom, amaphepha 95-100, saze sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

**ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI****UMBUZO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO****ISICATSHULWA D**

Funda esi sibhengezo-ntengiso singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

### **KWAMADIMPLES REPAIRS**

**ULONWABO LWAKHO LUXANDUVA LWETHU!!!**

**Ingaba ufunu ukulungiselelwa umatshini wakho woqhagamshelwano?**  
**Silungisa zonke izixhobo zobuxhaka-xhaka bala maxesha.**  
**Ungena unxunguphele, uphume uchwayitile.**



© 2009 CH2T Networks, Inc.

Dibana noochwepeshe abakumgangatho wehlabathi.

Sityelele kule dilesi:

7 Nowonga Street

Centane

**Inombolo: 0751230001/[www.madimples.co.za](http://www.madimples.co.za)**

[Sicatshulwe kwi-intanethi [www.googlesearch.com](http://www.googlesearch.com), saze sahlelwa]

- 3.1 Ucinga ukuba kutheni amagama 'KWAMADIMPLES REPAIRS' ebhalwe ngqindilili kwesi sibhengezo? (1)
- 3.2 Ingaba likweyiphi idolophu eli shishini likaMadimples? (1)
- 3.3 Chonga isivakalisi esibonisa ulwimi oluqhathayo olukwesi sibhengezo. (1)

- 3.4 Yintoni injongo yokusetyenziswa kwemifanekiso kwesi sibhengezo? (2)
- 3.5 Nika intsingiselo yegama elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi silandelayo njengoko sisetyenziswe kwisibhengezo esingentla:  
Dibana **noochwepheshe** abakumgangatho wehlabathi. (2)
- 3.6 Sijoliswe koobani esi sibhengezo? Khetha kwezi mpendulo:
- A Kubafundi.  
B Kubantu abanezixhobo zoqhagamshelwano.  
C Kumntu wonke.  
D Kulutsha. (1)
- 3.7 Ingaba **yinyani** okanye **luluvo** ukuba xa ungene kweli shishini uza kuphuma uchwayitile? Xhasa impendulo yakho. (2)

[10]

**UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI****ISICATSHULWA E**

Kha ujongsise okwenzeka kule khathuni ingezantsi wandule ukuphendula imibuzo esekwe kuyo.



[Icatshulwe kwi-intanethi-www.googlesearch.com, yaze yahlelwa]

- 4.1 Sisiphi isixhobo somculo esisetyenziswe kule khathuni? (1)
  - 4.2 Ntsingiselo ni enikwa ligama 'ayiphucukanga' kwiqam loku-1? (2)
  - 4.3 Impendulo ekwiqam lesi-2 iveza oluphi uluvo ngamadoda? (2)
  - 4.4 Chonga isibaluli kwiqam lesi-3. (1)
  - 4.5 Injani imvakalelo yesithethi kwiqam lesi-4? Xhasa impendulo yakho. (2)
  - 4.6 Ngokoluvo lwakho ucinga ukuba le ngcincane ikwiqam lesi-3 ilungile? Cacisa. (2)
- [10]**

## UMBUZO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI

### ISICATSHULWA F

Funda esi sicutshulwa, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

#### (AMAGQABI ASECALENI LENDLELA)

1. Kumntu ohamba amehlo ewavulile, eqwalasela izinto azibonayo, athetha lukhulu amaggabi asecaleni lendlela. Masikhe simphelekelele ke loo mntu, sicothocochoze kunye naye sibone izinto azibonayo.
2. Uhambahamba kwilizwe elishushu kakhulu apha utyani buqhame kunene, busalatha ukutyeba komhlaba. Izityalo nemifuno yasemakhaya neyasendle itsho ngamaggabi aluhlaza angamabhekebheke aphefumla umophu otsalwa ziingcambu kumhlaba onyakamileyo. Zilapho iintsengwanekazi ezimibebe ibhonxileyo, zikwalapho iinkunzi ezigquba zihlabe iziduli zisiphule izicithi zicela uphondo; zikwalapho iinkabi ezimalunda ezingeva dyokhwe, ezibeleva iimpondo zikratsha ngokutyeba nangobuhle bazo.
3. Emilanjeni amanzi ayaakuqela ehlokoma ukuhla kuloo miqhokro isabungxangxasi, esiya kuthi zozololo kweso siziba sinzongonzongo. Esi siziba side samnyama ngenxa yobunzulu nangenxa yokuqhama kwemingcunube neminyamanzi ekhula elunxwemeni, iyokzelisa amaggabi ayo phezu kwaso. Nantso into emnyama iziphosa esizibeni apha. Tyhini! yintini, iyazimela elutshaben iwayo.
4. Eli lizwe linamahlathi ayintshinyela anemithi emikhulu ethe zwii, isunduza ukusukela impepho ephezulu nemitha eshushu yelanga. Intaka ezingaqhelekanga ezimbala ngemibala ziphaphazela apha naphaya, zisitsho ngeengoma ezimnandi.

[Sicutshulwe kwincwadi ethi 'AMAVO AMAFUTSHANE' ebhalwe ngu-A. Madala, amaphepha 38-39, saze sahlelwa]

- 5.1 Lenze msebenzi mni igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi singezantsi?

'Kumntu ohamba amehlo ewavulile, eqwalasela izinto azibonayo, ...' (1)

- 5.2 Xela isakhi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kweli binzana lilandelayo.

'... utyani buqhame kunene, ...' (1)

5.3 Xela udidi lwestihlomelo esikrwelelwe umgca kweli binzana silandelayo.

'Emilanjeni amanzi ayaqukuqela'.

Khetha impendulo echanekileyo kwezi:

- A Isihlomelo sexesha.
- B Isihlomelo sendawo.
- C Isihlomelo sobungakanani.
- D Isihlomelo sobunjani.

(1)

5.4 Sebenzisa eli gama likrwelelwe umgca ngaphantsi kumhlathi-3 kwisivakalisi linike itsingiselo eyahlukileyo kule ikwisicatshulwa.

(2)

5.5 Isifanekisozwi esikrwelelwe umgca ngaphantsi sisetyenziswe njani kweli binzana lingezantsi?

'... esiya kuthi zozololo kweso siziba ...'

(1)

5.6 Lungisa isiphene sobhalo kwesi sivakalisi silandelayo:

'Tyhini! yintini, iyazimela elutshabeni lwayo'.

(1)

5.7 Xela ukuba esi senzi sikrwelelwe umgca ngaphantsi sikweliphi ixesha.

'Intaka ezingaqhelekanga ezimbala ngemibala ziphaphazela apha naphaya.'

(1)

5.8 Guqula esi sivakalisi silandelayo sibe kwimo elandulayo:

'Nantso into emnyama iziphosa esizibeni apha.'

(2)

[10]

<b>AMANQAKU ECANDELO C:</b>	<b>30</b>
<b>AMANQAKU EWONKE:</b>	<b>70</b>





